



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2014**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3**

**AMANQAKU:** 100

**IXESHA:** 2½ iiyure



\* X H O H L 3 \*

Olu viwo lunamaphepha ama – 5.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)  
ICANDELO B: Imihlathi (25 x 2) = (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo ibe miBINI kwi CANDELO B.

2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO A nemibuzo ibe miBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundiswa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKELE isincoko nemihlathi.
6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacelwa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.
7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:  
ICANDELO A: imizuzu engama-80  
ICANDELO B: imizuzu engama-35 x 2
8. Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko nakumhlathi.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule isincoko sibe siNYE. Bhala amagama angama-340–390 kwisincoko osikhethileyo.

**UMBUZO 1**

Ziyenzeka izinto kodwa zingakholeleki.

[50]

**UMBUZO 2**

Ukubaluleka kwetekhnoloji.

[50]

**UMBUZO 3**

Indima kaRhulumente ezikolweni.

[50]

**UMBUZO 4**

Akukho nkwalli iphandela enye eyenjenjalo yenethole.

[50]

**UMBUZO 5**

Ukuphatheka gadalala kweentsana namaxhegwazana.

[50]

**UMBUZO 6**

Xa ndinokuba nguSomashishini.

[50]

**UMBUZO 7**


Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.



[50]

**UMBUZO 8**

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.



[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Abaviwa kulindeleke ukuba bakhethe imibuzo ibe miBINI kweli candelo. Bhala amagama angama-100–120 (umxholo kuphela) ngomhlathi owukhethileyo.

**UMBUZO 9****ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta yokuvuyisana naye ngezigid zeerandi aziphumeleleyo. [25]

**UMBUZO 10****I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomngcwabo. [25]

**UMBUZO 11****INTETHO**

Bhala intetho yetheko. [25]

**UMBUZO 12****I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhalai-ajenda nemizuzu yentlanganiso yabahlali. [25]

**UMBUZO 13****UDLIWANO – NDLEBE**

Yenza udliwano-ndlebe phakathi komzali nomfundu obhalela iphephandaba lesikolo sakho. [25]

**UMBUZO 14****INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo phakathi komzali nomntwana owenza ibanga le-12. [25]

**AMANQAKU ECANDELO B:** 50  
**AMANQAKU EWONKE:** 100